# Unojubalala omncinci, uHelahela

Imifanekiso ngu: Helga Hoveka
Umbhali ngu: Sue Setton


**Ikota yesi-3** – INcwadi eNkulu yesi-3




IsiXhosa

GAUTENG PROVINCE
EDUCATION
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

GGT2030
GROWING GAUTENG TOGETHER




Unojubalala ogama linguHelahela wayehlala equleni. Wayenqwenela ukuba angatsiba okwesele.



“Kungekudala uza kukwazi ukutsiba njengam,” watsho uHoho. “Linda imilenze yakho yangasemva ikhule.”




T3_3 The little tadpole_big book_X.indd 2 2021/11/04 20:17



Emva kwethuba imilenze kaHelahela yangaphambili yakhula. "Ndingatsiba ke ngoku?" wabuza. "Linda ude umsila wakho ube mfutshane," watsho uHoho.




T3_3 The little tadpole_big book_X.indd 3 2021/11/04 20:17



Ngenye imini, intlanzi enkulu enamazinyo abukhali yafuna ukutya uHelahela! UHelahela wadada wabaleka kakhulu.



T3_3 The little tadpole_big book_X.indd 4 2021/11/04 20:17



Emva koko, uHelahela wayesemoyeni waze waya kuchopha elityeni elalisecaleni kwequla!



T3_3 The little tadpole_big book_X.indd 5 2021/11/04 20:17




"Ufundile ke ngoku ukutsiba,"
wakhwaza uHoho.
UHelahela wayezingca evuya
kakhulu kuba ufezekisiwe
umnqweno wakhe.

